U – SPCA Uthi…

Unga hlukubezi izinja ngoku sika ngaphantsi kwelimi “Yingqambu” nga phantsi kwelimi lwe zinja

Kwiminyaka emininzi edlulileyo bekukholeleka ukuba kunombungu ophila phansi kolwimi lenja. Bekykholeleka ukuba lo mbungu uye wasikwa inja izakukhula yomelele, ibengcono ukuba iyagula, iphile umzimba ukuba ibhityile ibe ngumzingeli ofanelekileyo

Ingaba ukhona umbungu phansi kolwimi lenja?

Hayi!!

Akukho mbungu phansi kolwimi..ibali lombungu aluyonyani kwayi liyintsomi yakudala . ngokoke lixesha lokuba siyeke ukuhlukumeza izinja ngokuzisika ulwimi kungenasidingo. Ngoko yintoni ephansi kolwimi?

Ngokwenene umbungu zizicubu ezihlangeneyo ezibizwa ngefrunulum eziya nqo phansi kolwimi zibambe ulwimi ngezantsi.

Abantu nabo banazo ezi zicubu kodwa ke kubo azikhulanga njenge zinja. Ukuba uphakamisa ulwimi lakho emlonyeni kulula ukuva izicubu ngomnwe wakho

Ulwimi lenja lufana nomsipha kwaye lelona lungu libalukileyo emzimbeni wenja. Ngaphandle kokutya nokusela amanzi, ukuphendula nokubamba nokuva intlungu, lisebenza nje ngesipholisi ukwehlisa ukutshisa komzimba. Xa izinja zizololonga ulwimi lazo luba lide, ngokwenziwa ligazi elibaleka emzimbeni.. Ulwimi luphumela ngaphandle komlomo.



Ukunika inja yakho umoya opholileyo kwimini ezitshisayo kubalulekile kakhulu ukunceda ukulawula ubushushu bomzimba wenja.

Yiyo lo nto kuyingozi ukushiya inja ivalelekile emotweni kwimozulu etshisayo. Ubushushu bunqanda ulwimi ekwenzeni umsebenzi walo. Ngoko ke inja ingatshisa ize ife.

Nje ngokuba singa soze sicinge ukususa izicubu ezibambe awethu amalwimi kumele siyeke oku kukhohlakala kokusika izicubu ezenza umsebenzi ofanayo emplonyeni wenja.

Umbungu ophansi kolwimi lwenja yintsomi yakudala kwaye asiyonyani, kwaye ukususwa kwalo mbungu kukukhohlakala yaye buvisa ubuhlungu obukhulu kwizilwanyana.

Kumaxesha amaninzi ukusikwa kwezicubu kungaba ngunobangela wokufa kwezilwalyana. Ngenxa yoba ulwimi alukwazi ukusebenza kakuhle inja ingakwazi ukutya ibulawe yindlala, nokoma ngokuba ingakwazi ukusela amanzi kakuhle..ibulawe kukoma. and of course when they pant to cool do

Issued by the National Council of SPCAs

P.O. Box 1320, Alberton 1450

Tel: 011 907 3590

Fax: 011 907 4013

E-mail: nspca@nspca.co.za